URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Vuyelwa Madasi**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Vuyelwa.Madasi@westerncape.gov.za | 021 467 2108

Inombolo yefayili: 18/5/2
Isalathiso: 20240201-14384

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0004/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezichaphazelekayo

**Isihloko: Isistim esebenza ngekhompyutha yeencwadi zomsebenzi zamaBakala R ukuya ku-9 ukulungiselela u-2024**

1. Iincwadi zomsebenzi zamaBakala R ukuya ku-9 zesiqingatha sesibini sonyaka ka-2024, zasiwa kuzo zonke izikolo zikarhulumente njengoko kuchaziwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo 0009/2023 yomhla wama-23 Juni 2023.

2. Ukwenzela ukuba izikolo zikwazi kwangethuba ukuziqaphela iincwadi zomsebenzi ezishotayo nezingaphezu kwemfuneko zamaBakala R ukuya ku-9 kwisiqingatha sesibini sonyaka ka-2024, zonke izikolo zikarhulumente mazingene kwi-*CEMIS* phakathi kowe-13 nowe-17 Meyi 2024. Ngeli thuba izikolo maziwafake ekhompyutheni zize ziwasayinele kanye ngqo amanani eencwadi zomsebenzi ezifunyenweyo kwibakala ngalinye, ziwathelekisa namanani obhaliso lwabafundi aqikelelweyo angoJulayi 2024.

3. Xa zingena kwi-*CEMIS*, izikolo kufuneka zikhethe u-"*Administration*" *option* okwi-*menu bar*. Kwi-*drop down list*, zikhethe u-"*Workbooks*" zize zikhethe u-"*Welcome and guidelines*" okanye iskrini i-"*Capture" screen*.

4. Kunokuqhagamshelwana naba bantu balandelayo ukufumana uncedo ngokufakwa kweenkcukacha zezikolo nangenkqubo yokusayinelwa kwazo:


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

| Umntu emakuqhagamshelwane naye | Inombolo yefoni | Idilesi ye-imeyili |
|---|---|---|
| Vuyelwa Madasi | 021 467 2108 | Vuyelwa.Madasi@westerncape.gov.za |
| Kashiefa Sedien | 021 467 2553 | Kashiefa.Sedien@westerncape.gov.za |
| Noncedo Mbali | 021 467 2142 | Noncedo.Mbali@westerncape.gov.za |

5. Zakuba zifakiwe zonke iinkcukacha zeencwadi zomsebenzi zesikolo zezigaba ezahlukileyo, mayigqitywe inkqubo yokusayinelwa kwazo.

6. Ingcaciso efunyenweyo malunga neencwadi zomsebenzi ezishotayo nezingaphezu kwemfuneko, iya kwenziwa ifumaneke kumagosa ezithili achaphazelekayo ngokuqala kugqithwe kwi-*EduInfoSearch*, wona aya kuba noxanduva lokuququzelela nokulungiselela ukuziswa nokuqokelelwa kweencwadi zomsebenzi apho kukho ezishotayo okanye ezingaphezu kwemfuneko.

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-02-19